Downloaded from Stanmorephysics.com



## IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha lemibuzo linamaCANDELO AMANE:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Uvavanyo lokuqonda | (30) |
| ICANDELO B: | Isishwankathelo | (10) |
| ICANDELO C: | Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi | (40) |

2. Phendula YONKE imibuzo.

3. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

4. Krwela umgca ekupheleni kwecandelo NGALINYE.

5. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

6. Shiya umgca emva kwempendulo nganye.

7. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

8. Iingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

| | |
|---|---|
| ICANDELO A: | Imizuzu engama-45 |
| ICANDELO B: | Imizuzu engama-20 |
| ICANDELO C: | Imizuzu engama-55 |

9. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

### UMBUZO 1

1.1 Funda esi sicatshulwa ngononophelo uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA A**

**UMSEBENZI UYASEBENZA!**

1 Sebenza ngexesha lomsebenzi uze udlale ngexesha lokudlala. Abantwana beentlanga zonke bayakwazi ukutshatshela, bapase emagqabini ezikolweni, ngokokude sicinge ukuba makube banengqondo kakhulu. Ewe, kunjalo kona, wonke umntwana unengqondo kodwa isandla sabazali siyafuneka ukuze baphumelele ngakumbi. Ngenye imini sikhe sancokola ngalo mba kwindawo endiphangela kuyo. UMphathi wethu emsebenzini wavela nento ethi abantwana ze baqhube kakuhle asikuba batyiswa nto itheni, batya oku kutya kutyiwa ngumntu wonke. Okubalulekileyo kukubethelela ukuba imfundo lelona lifa liphambili ebomini.

2 Uqhuba athi uMphathi, umzali ngamnye unyanzelekile ukuba makabe nomdla wokudlala indima ekufundiseni umntwana. Ude aqhube athi, 'Njengokuba **ndi**phangela nje, **ndi**nyanzelekile ukuba ukufika kwam endlwini **ndi**chithe iiyure ezimbini ndincedisa umntwana wam ukwenza umsebenzi wesikolo. Aphinde athi akukho mntwana ungaqhuba kakuhle esikolweni engafumani luncedo nenkuthazo ekhaya.

3 Wongeze ngelithi umntwana wesikolo akamele kuvunyelwa ukuba abukele ithivi phakathi evekini. Akugqiba ukwenza umsebenzi wesikolo kufuneka aye kulala. Ukudlala, adlale ngempela-veki. Umntwana othe wenza umsebenzi wesikolo ngokubalaseleyo usoloko epasa emagqabini esikolweni. Akenziwa bubukrelekrele bengqondo bodwa, wenziwa kukusebenza nzima, nokuncediswa ngabazali. Ngenxa yomsebenzi omhle izikolo zibamkela kuqala abo bantwana. Bathi kuba sebaqhela ukusebenza kakhulu, nakwidyunivesithi kubelula kubo. Le nto yokukhula besebenza nzima yenza ukuba naxa sebebadala bakuthande ukusebenza.

4 <u>Ukufundiswa kwabantwana emakhaya kuqala kwamhla waqala umntwana ukuya esikolweni</u>. Uthi akufika ekhaya kubuzwe ngabazali ukuba, 'Benifunde ntoni namhla esikolweni?' Kufanele ukuba athi umntwana akuxela abeselebethelela umzali, amfundise ezo zinto ade aziqonde. Kubamnandi emntwaneni akuzibona ehamba phambili ade naye ngokwakhe ambize umzali ukuba makaze ngokuhlwa bafunde. Uthi umntwana akuphumelela emagqabini eluviweni akhuthazwe ngokuphiwa ibhaso kokwabo. **Abazali mabazinikele ekuncediseni abantwana kumsebenzi wabo wesikolo.**

Downloaded from Stanmorephysics.com


Iintlanga zonke ziyavumelana kule nkolo yokuba abantwana mabafunde bancediswe emakhaya. Kukho intetho ethi 'bagotywa bebatsha' kanti amaJapani wona aneyawo ethi 'Umsebenzi uyasebenza'. Wonke umntwana unakho ukuphumelela uviwo ngokugqwesileyo, aze athi ukuba uyawa angaweli ezantsi kakhulu xa abazali bemxhasa. Ndiyaqiniseka ukuba abantwana sinokubafundisa ukusebenza ngokuzimisela, sibaxhase. Baya kuthi besiya esinaleni nasedyunivesithi babe belifundile ixabiso lomsebenzi.

[Sithatyathwe kwincwadi kaJD Zeka ethi, Amabali amafutshane iphepha, lama-45-46 saze sahlelwa]

JONGA KUMHLATHI 1

1.1.1 Ngabantwana boobani aba bapasa emagqabini ngokwalo mhlathi? (1)

1.1.2 Siluncedo njani isandla sabazali kwimpumelelo yabantwana? (2)

1.1.3 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zingezantsi.

Ibinzana 'Ngenye imini' ngokwalo mhlathi lithetha:

A Usuku olulandelayo.
B Usuku olwadlulayo.
C Usuku oluzayo.
D Usuku lwanamhlanje. (1)

1.1.4 Yintoni imfundo ngokwalo mhlathi? (2)

JONGA KUMHLATHI 2

1.1.5 Xela into anyanzeleke ukuba umzali ngamnye abenayo ngokwalo mhlathi? (1)

1.1.6 Izakhi ezibhalwe ngqindilili kulo mhlathi zibhekisa kubani? (1)

1.1.7 Uchitha ixesha elingakanani uMphathi ekuncediseni umntwana wakhe kumsebenzi wesikolo? (1)

JONGA KUMHLATHI 3

1.1.8 Xela izinto ezimBINI amele ukuba angavunyelwa azenze umntwana wesikolo phakathi evekini. (2)

1.1.9 Chonga igama kwesi sivakalisi silandelayo elithetha isenzo esenzeka qho.

... othe wenza umsebenzi wesikolo ngokubalaseleyo usoloko epasa ... (1)

1.1.10 Yintoni eyenza ukuba kubelula kubantwana edyunivesithi ngokwalo mhlathi. (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

JONGA KUMHLATHI 4

1.1.11 Tolika okuthethwa sisivakalisi esikrwelelwe umgca ngaphantsi kulo mhlathi. (2)

1.1.12 Caphula isivakalisi esingqina ukuba umntwana ohamba phambili esikolweni uyakhuthazeka de azifunele ukuncediswa. (2)

1.1.13 Ingaba uyavumelana noku kuthethwa sisivakalisi esibhalwe ngqindilili kulo mhlathi? Xhasa impendulo yakho. (2)

JONGA KUMHLATHI 5

1.1.14 Yeyiphi le nkolo iintlanga zivumelana ngayo ngokwalo mhlathi? (2)

1.1.15 Sifunde ntoni kwesi sicatshulwa? (2)

1.2 Qwalasela lo mfanekiso uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO**



[Uthatyathwe kwi-images.netprint, waze wahlelwa]

1.2.1 Sesiphi isixhobo esisetyenziswayo ngumntu okulo mfanekiso. (1)

1.2.2 Xela izinto zibeMbini ezibonisa ukuba kuphandle kulo mfanekiso. (2)

1.2.3 Kutheni lo mntu ukulo mfanekiso enxibe igambhutsi? (1)

1.2.4 Nika injongo yomzobi ngalo mfanekiso? (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO B: USHWANKATHELO

### UMBUZO 2

Funda esi sicatshulwa simalunga nokusebenzisa imali ngobulumko. Shwankathela ngeengongoma unike **IINDLELA ZOKUSEBENZISA IMALI NGOBULUMKO**.

**IMIYALELO:**

1. Bhala iingongoma EZISIXHENXE.
2. Sebenzisa amazwi akho kangangoko unako.
3. Iingongoma zakho zinombole ukusuka ku-1 ukuya kwi-7.
4. Bhala ingongoma nganye kumgca omtsha.
5. Ushwankathelo lwakho oluneengongoma ezisixhenxe MALUNGADLULI KUMAGAMA ANGAMA-50.
6. Bonisa INANI LAMAGAMA OWASEBENZISILEYO EWONKE kwizibiyeli ekupheleni koshwankathelo.

**ISICATSHULWA C**

**SEBENZISA IMALI NGOBULUMKO**

Kwabanye abantu iingxaki zemali ziza ngeendlela zokungakwazi ukuyisebenzisa kakuhle. Kweli nqaku sixelelwa ngeendlela zokusebenzisa imali ngobulumko. Ezi zezi zilandelayo.

Yenza uhlahlo-lwabiwo mali, phambi kokuba wenze inkcitho ngayo. Wakuba ukwenzile oko uya kuwazi amathuba angcono onokuyisebenzisa ngawo.

Cinga ngenzuzo, ujonge ikamva. Phambi kokuba uthenge nantoni na, cinga ngokuba kuza kukuchaphazela njani oko kwixesha elizayo. Umzekelo, ukuthenga izinto ezingeyomfuneko ingazizigqibo ezinokukufaka engxakini.

Sebenzisa imali ekwikhadi lemboleko- mali kuphela xa uqonda ukuba uza kukwazi ukuyibhatala qho ngenyanga. Ikhadi lemboleko-mali liluncedo xa ulihlawula kakuhle ukuze ityala lakho lingafakelwa inzala.

Musa ukusebenzisa imali kuba uzama ukuzibonakalisa kwabanye abantu ukuba unayo. Thenga kuphela oko ukudingayo nokonwabelayo wena.

Cinga ngezinto ezingenamsebenzi osebenzisa kuzo imali, ezimosha ibhajethi yakho. Oku kuquka ukutya eziretyu amaxesha amaninzi nokuthenga iimpahla ongazidingiyo.

Funda ukuyigcina imali ngaphezu kokuyisebenzisa ukuze wonwabele iziqhamo zayo. Ngokwasendalweni, bakho abantu abakuxabisileyo ukugcina imali, babekho abo bathi beyifumana babe beyisebenzisa. Lilonke, ukulondoloza imali kuluncedo kuwe.

Yenza utyalo-mali kuselithuba, ngokuyilondoloza nokuyisebenzisa imali xa kuyimfuneko kuphela. Kanti ke, nokuba umdala kangakanani, okanye ugcina imali encinane kangakanani, ukuyityala kwiinkampani eziye zikhula kuya kukuzisela ingeniso.

[Sicatshulwe kwi-www.ruleoneinvesting.com, saze sahlelwa]

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**


Downloaded from Stanmorephysics.com

**ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI**

**UMBUZO 3: ISIBHENGEZO-NTENGISO**

Funda esi sibhengezo – ntengiso uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA D**




[Sithatyathwe kwi-www.google.co.za, saze sahlelwa]

3.1 Yeyiphi le mveliso ithengiswa apha? (1)

3.2 Chonga ibinzana elisichazela ngomsebenzi weColgate kwiiyure ezili-12. (1)

3.3 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zingezantsi: uwww.colgate.gov.za yi:

A Nethiwekhi
B Webhusaythi
C Facebook
D Instagram (1)

3.4 Xela amaxesha ahlukileyo esebenza ngawo le mveliso? (2)

3.5 Khetha igama elichanekileyo kwizibiyeli kwesi sivakalisi singezantsi.

Le mveliso iluncedo (ezinweleni, emashiyeni, emazinyweni). (1)

3.6 Nika injongo yokusetyenziswa kwalo mfanekiso kwesi sibhengezo-ntengiso. (2)

3.7 Ingaba kungaluncedo ukusebenzisa le mveliso ikwesi sibhengezo-ntengiso? Xhasa impendulo yakho. (2)
**[10]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UMBUZO 4: IKHATHUNI**

Funda le khathuni ingezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA E**




4.1 Bangaphi abantu abakule khathuni? (1)

4.2 Yintoni ebonisa ukuba nguSkitso yedwa othethayo kwisakhelo 1? (2)

4.3 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo.

Uphawu (**?**) kwintetho kaSkitso lubonisa ukuba intetho kaSkitso …

A iyingxelo.
B ingumyalelo.
C ingumbuzo.
D isisikhuzo. (1)

4.4 Bhala ngokupheleleyo igama lesifinyezi 'Nksk.' esikwisakhelo soku-1. (1)

4.5 Kubonisa ntoni ukuvula kukaNksk B ucango kwisakhelo sesi-2? (1)

4.6 Yeyiphi injongo eziswa ngumzobi ngokuba kubekho inja kule khathuni? (2)

4.7 Myalezo mni oziswa yile khathuni? (2)
**[10]**

Downloaded from Stanmorephysics.com


## UMBUZO 5: IPROZI

5.1 Funda lo mhlathi ulandelayo uze uphendule imibuzo engezantsi.

**ISICATSHULWA F**

**LUNGISELELA UHAMBO NGEMOTO**

Ayikho **into** eyenza umdla njengokulungiselela iholide nosapho lwakho. Kumntu oza kuthabatha uhambo ngemoto kubalulekile ukuba ihlolwe. Qinisekisa ukuba uyisa kwisevisi kwaye ihlolelwa uhambo olude. Ziqhelanise nendlela oza kuyihamba,wenze nophando ngayo. Xa uqala ukuya kweso sixeko funa ulwazi malunga nexesha oza kulithatha. Oko kuya kukunceda wazi ixesha lokuphuma endlwini. Lungiselela okunokwehla endleleni ngokufaka ivili lokutshintsha elisemgangathweni xa unokugqajukelwa livili. Faka izixhobo ezizezinye zokulungisa iingxaki ezinokuvela emotweni. Ezi zixhobo sisipanela sokukhulula ivili, ujekhi, ithotshi kunye nonxantathu okhanyayo obomvu. Abaqhubi abaninzi bayaphoxakala endleleni ngenxa yokungaqiniseki ngomgangatho weemoto abathabatha ngazo uhambo.

[Sicatshulwe kwi*Bona Magazini*, kaDisemba 2019, iphepha lama-93, waze yahlelwa]

5.1.1 Nika isininzi segama elibhalwe ngqindilili kulo mhlathi. (1)

5.1.2 Khetha isibizo kwesi sivakalisi singezantsi.

… uyisa kwisevisi kwaye ihlolelwa uhambo. (1)

5.1.3 Xela udidi lwesixando esikrwelelwe umgca ngaphantsi kwesi sivakalisi singezantsi.

… qinisekisa ukuba uyisa kwisevisi kwaye ihlolelwa uhambo. (2)

5.1.4 Nika isinciphiso seli gama ' ivili'. (1)

5.1.5 Chonga isenzi kwesi sivakalisi singezantsi:

… wenze nophando ngayo. (2)

5.1.6 Sebenzisa isimelabizo endaweni yesibizo esikrwelelwe umgca kwesi sivakalisi singezantsi.

Abaqhubi abaninzi bayaphoxakala … (2)

5.1.7 Khetha isifanekisozwi esichanekileyo kwizibiyeli kwesi sivakalisi singezantsi.

Ulivale (jwi, mba, gxada) ucango lwemoto yakhe. (1)

Downloaded from Stanmorephysics.com


5.1.8 Landelelanisa ngokuchanekileyo amagama akwesi sivakalisi singezantsi.

Qiniseka ukuba nesipanele unalo ivili xa uhamba. (2)

5.1.9 Bhala esi sivakalisi singezantsi sibekwixesha elizayo.

Abaqhubi abaninzi bayaphoxakala endleleni. (2)

5.2 Jonga lo mfanekiso ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA G**

**IMFUNDO LIKAMVA LOBOMI**



Kowu! Uzimisele ndoda.

[Uthatyathwe kwi-www.google.co.za waze wahlelwa]

5.2.1 Fakela isakhi esifanelekileyo kwigama elibhalwe ngqindilili kwesi sivakalisi singezantsi.

… **mfundi** wenza intetho. (1)

5.2.2 Khetha igama elichanekileyo kula akwizibiyeli kwesi sivakalisi singezantsi.

Imfundo (sisitixo/sisitshixo) sobomi. (1)

Downloaded from Stanmorephysics.com


5.2.3 Bhala esi sivakalisi singezantsi sibekwingxelo-ntetho.

'Zimisele Sipho,' Utshilo umfundi.

**Qala ngolu hlobo**: Umfundi uthe … (2)

5.2.4 Bhala amagama amabini akwizibiyeli kwesi sivakalisi singezantsi abeligama elinye.

**Umzekelo( iphepha + iindaba)=iphephandaba**

Intetho yabafundi ibengu (indaba + umlomo) kwiindawo zonke. (2)
**[20]**

**AMANQAKU ECANDELO D: 40**
**AMANQAKU EWONKE: 80**

Downloaded from Stanmorephysics.com


**ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA**

**IMIGAQO YOKUMAKISHA UVAVANYO LOKUQONDA**

1. Ngenxa yokuba kugxininiswa kukuqonda, upelo olungachanekanga neziphene zolwimi kwiimpendulo kumele zingohlwayelwa ngaphandle kokuba ezo ziphene zitshintsha intsingiselo/ukuqonda. (Kuseyimfuneko ukuba iziphene zibonakaliswe.)

2. Ukuba umviwa usebenzisa olunye ulwimi olungelulo olu luviwayo, loo magama mawangananzwa, kwaye ukuba impendulo isavakala ilungile, musa ukumohlwaya. Ukanti ke, ukuba igama elisetyenzisiweyo lisuka kolunye ulwimi kwitekisi kwaye liyayincedisa impendulo, oku kuya kwamkeleka.

3. Ngokubhekiselele **kwimibuzo emalunga noluvo neengcinga zomviwa,** akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-EWE/HAYI, noNDIYAVUMELANA/ANDIVUMELANI. Isizathu/Ukunika ubungqina/ nokuxhasa zizo ezimele ukuqwalaselwa.

4. Akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-YINYANISO/BUBUXOKI, noYINYANI/LULUVO. Ukunika isizathu/Ukunika ubungqina/ukuxhasa kukona makuqwalaselwe.

5. Xa impendulo efunwayo iligama elinye, aze umviwa anike impendulo esisivakalisi esipheleleyo, oku makumakishwe njengokuchanekileyo **kuphela xa** igama elichanekileyo likrwelelwe umgca ngaphantsi/ligqanyisiwe.

6. Ukuba kufunwa iimpendulo ezimbini ukuya kwisithathu/amanqaku amabini okanye amathathu, aze umviwa anike ezingaphaya kweziqingqiweyo, makisha **kuphela** isibini okanye isithathu **sokuqala**.

7. Kwamkele ukusetyenziswa kweelwimi zengingqi ezahlukileyo.

8. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ngolu hlobo: Unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo.

Downloaded from Stanmorephysics.com


## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

### UMBUZO 1

1.1 1.1.1 Ngabantwana beentlanga zonke√/ngabantwana abanabazali ababancedisayo emakhaya.√ (1)

1.1.2 Ngokubenza baphumelele emagqabini√√/ bakhule bekwazi ukusebenza nzima√√/ngokukhuthaza nangokubethelela ukubaluleka kwemfundo.√√ (2)

1.1.3 B Usuku olwadlulayo.√/B.√/Usuku olwadlulayo. √ (1)

1.1.4 Lelona lifa liphambili ebomini√√/ imfundo yinto ebalulekileyo.√√ (2)

1.1.5 Ngumdla wokudlala indima ekufundiseni umntwana√√/kukunceda umntwana kumsebenzi wesikolo.√ (1)

1.1.6 KuMphathi√/kulo mntu uthethayo√/ kumzali.√ (1)

1.1.7 Iiyure ezimbini.√ (1)

1.1.8 Kukubukela ithivi.√
Kukudlala.√ (2)

1.1.9 … usoloko√ (1)

1.1.10 Kukuqhela ukusebenza kakhulu√√/ kukusebenza nzima√√/ kukuncediswa ngabazali ekhaya.√√ (2)

1.1.11 Ukuncediswa kwabantwana kwizifundo zabo kusukela mhla waqala ukufunda umntwana√√/ ukufunda kuqala abantwana besebancinane√√/ ngalo mhla aqala isikolo umntwana umzali uthabatha inxaxheba.√√ (2)

1.1.12 'Kubamnandi emntwaneni akuzibona ehamba phambili ade naye ngokwakhe ambize umzali ukuba makaze ngokuhlwa bafunde'√√/ ‘kufanele ukuba athi umntwana akuxela abe selebethelela umzali, amfundise ezo zinto ade aziqonde’.√√ (2)

1.1.13 Ndiyavumelana kuba luxanduva lomzali ukuqinisekisa ukuba umntwana uyayifumana inkxaso ngokwaneleyo eza kumenza aphumelele kwizifundo zakhe.√√

**OKANYE**

Andivumelani kuba abazali baxakekile abanalo ithuba lokwenza umsebenzi ofanele ukwenziwa sisikolo.√√

[Nayiphi na impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

1.1.14 Yeyokuba abantwana mabafunde bancediswe emakhaya√√/ umsebenzi uyasebenza√√/mabasebenze nzima abafundi kwaye abazali mababancedise emakhaya.√√ (2)

1.1.15 Sifunde ukuba inkxaso yabazali kwimfundo yabantwana inegalelo elikhulu kwimpumelelo yabo esikolweni√√/ ukuba abantwana bayayidinga inkxaso yabazali ukuze baqhube kakuhle kwizifundo zabo√√/ixabiso lokusebenza nzima√√/mabancedwe abantwana kumsebenzi wesikolo√√/ umntwana makaxhaswe ngumzali ukuze aphumelele√√/ bagotywa bebatsha√√/ umntwana oqhele ukusebenza nzima kubalula kuye naxa eseyunivesithi√√/ umzali makabe nomdla wokusoloko emncedisa umntwana wakhe.√√ (2)

**ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO**

**UMBUZO 1.2**

**OKUBONWAYO**

1.2 1.2.1 Ngumhlakulo√/ yirhalafu√/sisipeyidi√/yishoveli.√ (1)

1.2.2 Luhlaza√/ngumhlaba√/yingca√/ziintyatyambo√/zizityalo√/ ngamagqabi√/yimithi√/yimifuno√/lukhula.√
[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

1.2.3 Kungokuba igambhuntsi isisinxibo esinxitywa xa kusetyenzwa egadini√/esitiyeni√/emasimini√/efama√/zizihlangu ezomeleleyo√/ ezifanelekileyo xa usebenza egadini√/upeta√/zikhusela iimpahla xa usebenza ngomhlaba.√ (1)

1.2.4 Kukukhuthaza abantu ukuba bathande ukusebenza ngomhlaba√√/ ukuba bawusebenzise ngokukuko umhlaba√√/kubalulekile ukunxiba iimpahla ezilungele olo hlobo lomsebenzi.√√

[Nayiphi na impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**Ukumakisha ushwankathelo**

Ushwankathelo malumakishwe ngolu hlobo:

- **Ulwabiwo-manqaku**
  - Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7. (Inqaku elinye ngengongoma nganye).
  - Amanqaku ama-3 olwimi.
  - Amanqaku ewonke: 10

- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi engacaphulanga ngqo.**
  - 1–3 iingongoma ezichanekileyo: Nika inqaku eli-1.
  - 4–5 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-2.
  - 6–7 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-3.

- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi ecaphule ngqo.**
  - 6–7 iingongoma ezicatshulwe ngqo: Akunikezwa manqaku olwimi.
  - 4–5 iingongoma ezicatshulwe ngqo: Kunikezwa inqaku eli-1 lolwimi.
  - 2–3 iingongoma ezicatshulwe ngqo: Kunikezwa amanqaku ama-2 olwimi.

**QAPHELA:**

- **Ifomathi:**
  - Nokuba isishwankathelo asilandelanga fomathi echanekileyo makanganyityelwa manqaku umvíwa.

- **Ubalo-magama:**
  - Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise inani lamagama asetyenzisiweyo.
  - Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibonakalisanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
  - Ukuba udlule kwinani eliqingqiweyo, funda ukuya kumagama ama-5 ngaphezulu kwaqingqiweyo ungawahoyi alandelayo. (3)

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO B: USHWANKATHELO

### UMBUZO 2

Shwankathela ngokweengongoma usebenzisa izivakalisi ezipheleleyo.

| IINGONGOMA EZICATSHULWE NGQO | | IINGONGOMA EZISHWANKATHELWEYO | |
|---|---|---|---|
| 1 | 'Yenza uhlahlo lwabiwo-mali phambi kokuba wenze inkcitho ngayo.' | 1 | Yenza ibhajethi ubenomlandu wemali phambi kokuyisebenzisa. |
| 2 | 'Phambi kokuba uthenge nantoni na, cinga ngokuba kuza kukuchaphazela njani oko kwixesha elizayo.' | 2 | Xa uza kuchitha imali cingisisa ngeziphumo zexesha elizayo. |
| 3 | 'Sebenzisa imali ekwikhadi lemboleko- mali kuphela xa uqonda ukuba uza kukwazi ukuyibhatala qho ngenyanga.' | 3 | Chitha imali esekhadini lemboleko- mali ube uza kubanakho ukuyihlawula nyanga zonke. |
| 4 | 'Thenga kuphela oko ukudingayo nokonwabelayo wena.' | 4 | Thenga okuyimfuneko okuza kukonwabisa. |
| 5 | 'Cinga ngezinto ezingenamsebenzi osebenzisa kuzo imali, ezimosha ibhajethi yakho.' | 5 | Jonga izinto ochitha kuzo imali ezingeyomfuneko ezingekho kwibhajethi. |
| 6 | 'Funda ukuyigcina imali ngaphezu kokuyisebenzisa ukuze wonwabele iziqhamo zayo.' | 6 | Zifundise ukuyonga imali uzokonwabela inzuzo yayo. |
| 7 | 'Yenza utyalo-mali kuselithuba, ngokuyilondoloza nokuyisebenzisa imali xa kuyimfuneko kuphela.'<br><br>**[68 Amagama]** | 7 | Yenza utyalo-mali kwangexesha ngokuyigcina nokuyichitha ngokufanelekileyo.<br><br>**[48 Amagama.]** |

Downloaded from Stanmorephysics.com

**ICANDELO C: ULWIMI**

**UKUMAKISHA ICANDELO C**

1. Upelo
   - Iimpendulo ezingoogama-nye/ eziligama elinye mazimakishwe njengezichanekileyo nokuba upelo aluchanekanga, ngaphandle kokuba isiphene silahla intsingiselo efunwayo yegama.
   - Kwiimpendulo ezizizivakalisi ezipheleleyo, upelo olungachanekanga luya kohlwayelwa xa isiphene sikweso sakhi solwimi sivavanywayo.
   - Xa uvavanyo lujoliswe kwisifinyezo, impendulo iya kwamkeleka xa iimpawu zobhalo zichanekile.

2. Izakhi zezivakalisi kufuneka zichaneke kwaye zisetyenziswe kwizivakalisi ezipheleleyo/njengoko umbuzo uyalela.

3. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ngolu hlobo: Unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo, okanye zombini.

**UMBUZO 3**

3.1 Yi-Colgate.√ (1)

3.2 Ilwa iintsholongwane.√ (1)

3.3 B√/Webhusaythi√/B. Webhusaythi.√ (1)

3.4 Kwiiyure ezi-12.√ Kwiiyure ezingama-24√/kwiiveki ezi-4.√

[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

3.5 … emazinyweni.√ (1)

3.6 Kukwenzela abathengi bayibone le mveliso ithengiswayo.√√ (2)

3.7 Kungaluncedo kuba ilwa iintsholongwane, yomeleza ienameli ikwanceda iintsini zibesempilweni√√/ inceda ukususa kunye nokukhusela amabala√√/yenza amazinyo abe mhlophe.√√

**OKANYE**

Akungebi luncedo kuba ayiwuchaphazeli umyinge wokusebenza kwale mveliso ngokweepesenti.√√

[Nayiphi na impendulo echanekileyo iya kwamkeleka] (2)
**[10]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UMBUZO 4**

| | | |
|---|---|---|
| 4.1 | Babini.√ | (1) |
| 4.2 | Iqam lentetho lijongise kuye yedwa√√/ nguye othethayo kuba uvule umlomo.√√ | (2) |
| 4.3 | C ingumbuzo√/C√ ingumbuzo.√ | (1) |
| 4.4 | Nkosikazi.√ | (1) |
| 4.5 | Ukwamkeleka kukaSkitso√/ ungenisa uSkitso ngaphakathi√/ ufuna ukumnceda√/ ukuba uyamazi uSkitso.√ | (1) |
| 4.6 | Kukubonisa ukuba ibali iqhubeka kwindawo elikhaya√√/ inja ngumkhuseli wekhaya√√/ kubonisa ukuba uNksk. B akahlali yedwa uhlala nale nja√√/ uNksk. B uthanda izinja√√/ uSkitso uziva ekhuselekile kuba le ndawo inenja. √√ | (2) |
| 4.7 | Ngowokuba ingxabano zabazali zibachaphazela kakubi abantwana√√/ kufanelekile ukuba sibancede abantu√√/ abantwana bayakwazi ukucinga njengabantu abadala√√/ wonke umntu udinga umntu oza kumnceda.√√<br><br>[Nayiphi na impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] | (2)<br>**[10]** |

**UMBUZO 5**

| | | | |
|---|---|---|---|
| 5.1 | 5.1.1 | Izinto.√ | (1) |
| | 5.1.2 | … uhambo.√ | (1) |
| | 5.1.3 | Isixando sokwenzisa√√/sisenzisa.√√ | (2) |
| | 5.1.4 | Ivilana.√ | (1) |
| | 5.1.5 | … wenze.√√ | (2) |
| | 5.1.6 | Bona√√/aba√√/abo√√/abaya.√√ | (2) |
| | 5.1.7 | … mba.√ | (1) |
| | 5.1.8 | Qiniseka ukuba unalo ivili nesipanele xa uhamba√√/xa uhamba qiniseka ukuba unalo ivili nesipanele.√√<br><br>[Nayiphi na kwezi.] | (2) |
| | 5.1.9 | Abaqhubi abaninzi baza kuphoxakala endleleni.√√ | (2) |
| 5.2 | 5.2.1 | U√mfundi | (1) |
| | 5.2.2 | Imfundo sisitshixo sobomi.√ | (1) |
| | 5.2.3 | Umfundi uthe ku√Sipho makazimisele.√ | (2) |
| | 5.2.4 | Ngundabamlonyeni.√√ | (2)<br>**[20]** |

**AMANQAKU ECANDELO C: 40**